ABABENGABASEBENZI BASEMGODINI BALUMKISWA NGABARHWEBESHI ABANGEKHO MTHETHWENI ABATHEMBISA NGOKUNCEDISANA NAMABANGO ANXULUMENE NOKUFUMANA IMBUYEKEZO KWABO BENE SIFO SETHAYISISI KWAKUNYE NESIFO SEPHEPHA

14 kuFebruwari, 2022: Kufikelele ezindlebeni zabakwa Tshiamiso Trust ukuba abo bebengabasebenzi-mgodini bayaqhubeka bengamaxhoba abarhwebeshi abangekho mthethweni ababanga ngelithi banganako ukubanceda ngamabango abo anxulumene nesifo sethayisisi kwakunye nesifo sephepha.

Umzi wakwa Tshiamiso Trust wachongwa/wasekwa ukuba uncede amawaka-waka abantu abafumana isifo sethayisisi kwakunye nesifo sephepha ukuze bafake amabango oko kungqamene nabo, oku kulandela isivumelwano phakathi kweenkampani zezimba mgodi kwakunye namagqwetha amele ababengabasebenzi-mgodini abachaphazeleka kwimbali yesifo sethayisisi kwakunye nesifo sephepha.

Ngelishwa, imingqandandana ebonisa ukungabinasazela ifake amabango ngelithi inako ukuncedisa abasebenzi-mgodini abafake amabango ukukhawulezisa amabango abo xa benokubhatala kubo.

Umzi wakwa Tshiamiso Trust unqwenela ukwazisa abasebenzi-mgodini abafaka amabango ukuba iinkonzo zokufaka amabango zenziwa simahla. Abafaki-mabango mabangabhatali naye nabani na ukubanceda nangayo nayiphina indlela ngamabango abo kuba akekho onokukhawulezisa oku ongaphandle kweli qumrhu nangazo neziphina izizathu.

“Singathanda ukulumkisa bonke abafaki-mabango ngesi senzo sobuqhetseba. Ukufaka ibango kulo Mzi ukhankanywe apha ngasentla kusisimahla yaye ngulo Mzi kuphela onako ukuqhuba la mabango ngokuphonononga ukuba umfaki-bango uselungelweni lokufumana imbuyekezo kusini na,” utsho [u Gugulethu Makhubo, umanejala wezonxibelelwano we Tshiamiso Trust].

Inkqubo yokufaka ibango inde, ingathabatha umyinge weentsuku ezili-180 (oku kuthetha iinyanga ezi-ntandathu) ukusuka mhla kwafakwa ngawo ibango ukuya kusuku ekugqitywe ngalo ukulihlola. Lo Mzi uyayiqonda ukuba lithuba elide lokulinda eli yaye uthabatha eli thuba ukubulela bonke abafaki-mabango ngokunyamezela ngelixa amabango abo ahlolwayo yaye kuqhutywa ngawo.

LoMzi ukhuthaza abafaki-mabango abafuna ukufaka isicelo sebango azihlole ngokundwendwela iwebusayithi https://www.tshiamisotrust.com/status-check/ ukuqonda ukuba bakufanele kusini na ukufaka ibango kulo Mzi. Oku kungenziwa ngokufaka inombolo-sazisi yaseMzantsi Africa okanye leyo yomsebenzi ukuqonda ukuba iinkcukacha zabo zikhona na kuluhlu lwabantu abakwi Tshiamiso Trust yaye baqonde ukuba baselungelweni na lokufaka ibango kulo Mzi.

Abafaki-mabango abadinga uncedo ngokwenza oku kukhankanywe apha ngasentla bangafuna uncedo ngokutsalela umnxeba okanye bafumane ulwazi ngokufaneleka kwesicelo sabo yaye ukuba banamabango aqinisekisiweyo bayakuncediswa ukulandela imigqaliselo ebekiweyo.

Unganxulumana ne-Tshiamiso Trust kwezi nkcukacha:

- 0801 000 240 kwabase Mmzantsi Afrika (for South Africa)
- 00 27 10 500 6186 ngaphandle koMzantsi Afrika

Kungenjalo ungathumela imeyile ku: info@tshiamisotrust.com:

ISIPHELO.